Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LE 9

EYENKANGA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI 2

AMANQAKU: **60**

IXESHA: **2 iiyure**

* 9 X F A L 2 *

Olu viwo lunamaphepha ali –10.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU

   ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA
   ICANDELO B: UKUSETYENZISWA KOLWIMI
   ICANDELO C: UMBONGO

2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.

3. Cinga, uqiqe phambi kokuba ubhale.

4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.

5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.

6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.

7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA

Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

AKANIKEZELI

1. Kusemini emaqanda, emva kweentsuku ezimbalwa sifote uZinhle, siphinda siyadibana eSouthern Sun Hotel kwindawo yabo yokutyela ekwiphahla. Njengonozakuzaku wephulo lakwaLegit elithi' Don't Tell Me What To Wear', into yokuqala esiye sayijonga kuye ziimpahla: Ufike echophisile ngezihlangu ezimnyama nejini eluhlaza, isikipa esimhlophe nejakhethi ehambelana nomzimba wakhe. Entloko unebreyidi, iinzipho zilungisiwe kanti nemake-up yakhe ayinasiphene. Inkangeleko yakhe siyifanise nekaRihanna inokuzithemba kwaye ithi ndijonge inomdlamko njengempepho yolwandle kwilanga laseRhawutini.

2. "Kudala ndasebenza noLegit besaqala amaphulo abo okusebenza neendumasi ezifana nooBonang ngo 2008. Ndandisebenza njenge DJ kwimiboniso yabo kunye namatheko okuphehlelela imveliso. Zathi xa ezinye iintombi eziquka uMinnie Dlamini, uZizo Deda, noToya Delazy zifumana ithuba lokuba ngoonozakuzaku bale mveliso, nam ndandinqwena. Yayingekuba ndinomona ke kodwa, ndandibona ukuphuhla kwezakhono zabo ngenxa yale mveliso kwaye nam ndandifuna lo nto kwesam isakhono. AbakwaLegit bayazihlonipha zonke iintombi zabo; kubo zibayimbalasane ngenene, kodwa yayingekabi lilo ithuba lam, yayiselithuba labo", utsho uZinhle.

3. Le venkile yamhlebela ukuba kungenzeka lifike ithuba kwaye uZinhle uthi ukuba le venkile yayimbize ngeliya ixesha, wayengazuyazi indlela yokudlala indima yakhe kweli phulo nokujongana nemveliso yakhe. "Ewe ndandidumile ngenxa yesakhono sam kodwa phambi kokuphehlelelwa ko-My Name Is, ndandingekaphuhli.

4. "Ekugqibeleni abakwaLegit bade bambiza ekuqaleni kwalo nyaka. "Yonke le nkqubo ibe yemangalisayo', ndiyakuthanda ukuba yinxalenye yenkqubo yokwenziwa kweempahla. Akuncamatheliswa nje igama nobuso bam, yinxalenye yokwakhiwa kwenkangeleko kunye nemvakalelo yempahla nganye." Ngaphambili uZinhle ubeyinxalenye yeemveliso ezifana neChevrolet, uFoschini neStrawberry Lips.

5. Lo DJ womculo wehouse usixelela ukuba ubethatha ithuba ngalinye ngocoselelo ephantsi kolawulo. UZintle uyavuma ukuba ungumntu ozithathela kuye iintambo, uthi impumelelo yakhe ibangelwa kukucwangcisa nokuvumela italente yakhe ithethe ngokwayo endaweni yokugcwalisa igama lakhe kumaphephandaba. ”Ukupapashwa kwenqaku elalisithi mna ndale umrephi u-AKA ecela umtshato, elingeyonyani, ndandicaphuka kuba impumelelo yam yasuka yangxengwa ngamarhe obuxoki ngam.

6. Ndidume ngomsebenzi wam; xa ndisima phantsi BENDINGAKWAZI UKUMELANA NODUMO OLUTSHA KANGANGOKUBA NDIKHE NDAKUCINGA NOKUBUYELA KWEZOSHISHINO. ‘AKUSENAKULUNGA, WATSHO U-OSKIDO. “UPHUMELELE NGOKU”

7. Kwisibane seqonga ndifuna ukuma ndizinze ndixhase olo dumo ngentsebenzo yam hayi nje kuba ndisaziwa,” utshilo.

[Sithatyathwe kwi-*BONA* ka DISEMBA 2013]

1.1 Ngubani lo kuthethwa ngaye kwesisicatshulwa? (1)

1.2 1.2.1 Lelayiphi inkampani eli phulo alisebenzelayo? (1)

1.2.2 Caphula kumhlathi wokuqala umsebenzi awenzayo ukuxhasa impendulo yakho. (1)

1.3 Yithi gqabagqaba indlela abaziphatha ngayo iintombi zabo abakwaLegit. (2)

1.4 Cacisa unobangela/isizathu sokuba angangxameli ukuqeshwa kule nkampani uZintle. (2)

1.5 1.5.1 Ubunokwazi ukulinda ukuba ibinguwe? Ewe/Hayi? (1)

1.5.2 Xhasa ngokolwakho uluvo. (2)

1.6 Ithini imfundiso kweli bali? (2)

1.7 Nika intsingiselo yeli binzana ngokwesicatshulwa:

Oonozakuzaku (1)

1.8 Isihloko esithi, “Akanikezeli” ucinga ukuba sithetha ukuthini? Sichaze ngawakho amazwi. (1)

1.9 Nciphisa eli gama, <u>intombi</u>. (1)

1.10 Dwelisa amagama emveliso ebeyinxalenye yazo uZintle abe maBINI. (2)

1.11 Chonga imvumi ekhankanyiweyo kumhlathi wesi -5 kwisicatshulwa. (1)

1.12 La magama alandelayo azeziphi izigaba zentetho?

1.12.1 Sam (1)

1.12.2 Le (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 20

ICANDELO B: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2

2.1 Yakha izibizo ezimbaxa ngala magama alandelayo:

Umz: ukujinga + ukuqhawuka = ujingiqhiwu

2.1.1 ukusina + ukozela = (1)

2.1.2 ukuvuka + ukuzenzela = (1)

2.2 Xela intsingiselo enikwa zizimamva ezinomgca ngaphantsi kwezi zibizo:

2.2.1 Ntombazana! Andifuni mntwana ongevayo. (1)

2.2.2 Yimpatho mbi le makazi. (1)
[4]

UMBUZO 3

3.1 Qwalasela esi sivakalisi silandelayo ze uchonge isimelabizo kwisivakalisi ngasinye, wandule ukuxela udidi lwaso.

Yena uhleli engabathandi abantwana. (2)

3.2 Igama elilandelayo lifinyeziwe/lishunqulelwe wena libhale ngokupheleleyo:

Umz. (1)

3.3 Guqula igama elikwisibiyeli libe sisalathandawo:

Abantwana badlalela (ibala) elikhulu. (1)
[4]

UMBUZO 4

Guqula esi sivakalisi sibe kwimo/ixesha eladlulayo ngokuguqula igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. Phinda usibhale sonke isivakalisi kutsha.

4.1 Ithuba ngalinye alifumanayo limonyusela ngasentla, usixelele watsho ephunga iti yakhe kuhle. (1)

4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

4.2.1 Igama ITHUBA ingaba liyintoni?

A Sisenzi
B Sisibizo
C Sisimelabizo (1)

4.2.2 Igama uYAKHE

A Sisimnini.
B Sisimelabizo soqobo.
C Isihlanganisi. (1)

[3]

UMBUZO 5

Ngqamanisa igama nentsingiselo/inkcaza kuluhlu lwamagama nentsingiselo oyinikiweyo kwitheyibhuli ka-A naku B. Kwicala lika B ungaphindi ubhale izivakalisi kwakho.

A		B	
5.1	Umtshato	A	Yindawo ekuhanjwa kuyo
5.2	Iintambo	B	Ukudityaniswa kwentombi nomfana ngeqhina lomtshato
5.3	Indlela	C	Yintombazana efikelele kwinqanaba lokuba ingatshata.
5.4	intombi	D	Ngamatyathanga okubopha inyanda/iinkuni eziqokelelweyo zenza inyanda.

(4 x 1) **[4]**

UMBUZO 6: OKUBONWAYO

Qwalasela lo mfanekiso emva koko uphendule imibuzo ebuziweyo:

6.1 Khaniqikelele ngabantu abagqiba kwenza ntoni aba? (1)

6.2 Yintoni eyenza ukuba uqiniseke ngempendulo? (1)

6.3 Nika iindindi zemidlalo ezisemfanekisweni. (3)

6.4 Umntu ohleli kwisandla sasekunene ucinga ukuba udlala wuphi umdlalo? (1)

6.5 Lo mfanekiso ungawupha siphi isihloko? (2)

6.6 Gqibezela eli qhalo lilandelayo: Ingwe idla ... (1)

6.7 Nika intsingiselo yeli qhalo lingentla. (2)

6.8 Yakha isivakalisi sibe nentloko, isenzi kunye nenjongo senzi. Siyile ngokomfanekiso ongentla. (3)

6.9 Yenza isivakalisi esimbaxa kwezi zivakalisi zimbini:

Abafama baseMzantsi Afrika banetalente. Balidlalela ngokuzithemba ilizwe labo. (kuba) (1)

[15]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMBONGO

UMBUZO 7

Funda umbongo ukuze uphendule imibuzo ebuziweyo. Fundisisa ngenyameko uwuphinda-phinde ukuze ubenako ukuphendula ngokuzithemba.

I-TB iyoyiswa

1. Nokuba sele usekhukweni lokufa,
2. Ugulela oogqirha kunye nezicaka,
3. Ucinga ngokwenz'umyolelo wamafa,
4. Ukhohlela ngathi isifuba siyakrazuka,
5. I-TB iyoyiswa, yiya kwiX-reyi.

6. Ungade ube ubhitye okomcinga,
7. Ubil'ube lithontsi xa ulele,
8. Zimk'iingqondo ungabi nakucinga,
9. Likuval'iphika bath'itshoba lilele,
10. I-TBiyoyiswa,ginya iipilisi.

11. Ingavuthw'imiphunga ibe dubhu-dubhu,
12. Zingenelel'izintso nesifo seswekile,
13. Ithothoz'intliziyo ibethwa kukudumba,
14. Ube lutywantsi bath'imin'ifikile,
15. I-TB iyoyiswa, sela amayeza.
16. Ungad'udinwe umzimba utyhaf'amadolo,
17. Uqaqamb'umqala kungangeni nokutya,
18. Ikuhlasele ifiva ungenzanga odolo,
19. Ziqengqelek'iintsuku iintlungu zikutya,
20. I-TB iyoyiswa, mamela kugqirha.

21. Iinyanga zintandathu ube nempilo,
22. Iphele intw'ibithethwa kube chosi,
23. Gqolo landel'imimiselo yoonompilo,
24. Baziintonga zikagqirha zasekhosi,
25. I-TB iyoyiswa, ungayoyisa nawe!

[Uthatyathwe kwincwadi *Sichumile isiXhosa*, ibanga -7]

7.1 Sithako sini esifumaneka kule miqolo okanye la magama akrwelelwe umgca xa kuqala umqolo kuthiwa yintoni?

I-TB iyoyiswa,yiya kwiX-reyi,
I-TB iyoyiswa, ginya iipilisi,
I-TB iyoyiswa, sela amayeza,
I-TB iyoyiswa, mamela kugqirha. (1)

7.2 Nika intsingiselo/chaza la mabinzana ukuba athetha ukuthini na?

7.2.1 Nokuba sele usekhukweni lokufa, (1)

7.2.2 Ithothoz' intliziyo ibethwa kukudumba, (1)

7.3 Zafobe zini ezi zikrwelelwe umgca ngaphantsi?

7.3.1 Ungade ube ubhitye okomcinga. (1)

7.3.2 Ingavuthw' imiphunga ibe dubhu-dubhu. (1)

7.4 7.4.1 Uthini umyalezo wembongi? (1)

7.4.2 Umxholo/umongo ungantoni? (2)

7.4.3 Ithini imfundiso yalo mbongo? (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 10
AMANQAKU EWONKE: 60